

50th

ANNIVERSARY

1960-2010

Sharpeville Massacre

THE CRADLE OF HUMAN RIGHTS STRUGGLES

BILL OF RIGHTS

1. Ulingano - Akunakuze ucalulwe. Kodwa isenzo sokubonelela nocalulo olungengomkhethe zivumelekile.

Wonke ubani uyalingani phantsi komthetho kwaye akufuneki bocalulwe.

2. ISidima Sobuntu - Isidima sakho kufuneka sihlonelwe saye sikhuselwe

Wonke ubani unesidima sobuntu sendalo ekufuneka sihlonitshiwe.

3. Ubomi - Unelungelo lokuphila ubomi

Wonke ubani unelungelo lokuphila

4. INkululeko noKhuseleko lukabani - Akunakuze uvalelwe ungaxoxanga tyala, ungcikivwe okanye wohlwaywe kakubi Udu-she lweentsapho aluvumelekile.

Akuvumelekile uvalelwe ungayanga enkundleni okanye uxhatshazwe nanjani na

5. Ubukhoboka, Ubucaka nokuSetyenziswa ngetshova - Ubukhoboka nokusetyenziswa ngetshova akuvumelekile

Akufuneki wenziwe ikhoboka okanye usetyenziswe ngetshova

6. IMfihlo - Akunakusetshwa okanye kusethwe emzini wakho kungenjalo kwizinto ezizezakho.

ILungelo lakho lokuba nemfihlo liquka isiqu, ikhaya nokukokwakho.

7. INkululeko yenkolo, inguquko noluvo - Ungakholelwa ucinge noba yintoni oyifunayo, ubelilungu layo nayiphgina inkonzo okholelwa kuyo.

Unelungelo lokucinga, ukukholwa nokudumisa nangayiphina indlela .

8. INkululeko yokuvakalisa izimvo - Wonke ubani (ukuquka abosazazo) bangathetha konke abakucingayo

Unelungelo lo-ukufunda nokufundela nantoni oyikhethayo kodwa ayivumelekile intetha ehlabekisayo

9. Intlanganiso, uqhankqalazo, ukuzabalaza noxwebhu lwezikhazazo - Ungalubamba uqhankqalazo, uzabalaze uhambise noxwebhu lwezikhazazo. Kodwa oku makwenziwe ngokuthe zole.

Unelungelo lokubamba intlanganiso ngenzolo, ubonise ukunganeliseki uqhankqalaze

10. ILungelo lokuzimanya - Ungazimanya kumbutho owukhethayo

Unelungelo lokuzimanya nalo mbutho uwuthandayo

11. ILungelo lezoPolitiko - Ungazimanya nombutho wezopolitiko owuthandayo. Ukuba ungummi kwaye ubudala buli 18 leminyaka nangaphezulu, ungavota.

Ungamisela iqela lakho lopolitiko, ungangumqatswa ungavotela naliphi iqela kunyulo olukhululekileyo nolungenamkhethe.

12. UBummi - UBummi bakho abunakuxuthwa nangubani na kuwe.

Akukho mmi unokuxuthwa ubummi.

13. INkululeko yokuFuduka nokuHlala - Ungahlala naphina apho uthanda khona kwiRiphabliki yoMzantsi Afrika

Unelungelo lokungena uphume kwiRiphabliki ngentando yakho

14. INkululeko yoShishino, ingqesho nokuFundelayo - Ungenza nawuphi umsebenzi owuthandayo

Unelungelo lokukhetha naluphi ushishino olusemthethweni okanye umsebenzi owuthandayo

15. Indlela yokuPhathana emsebenzini - Ungajoyina iyuniyoni ungenele uqhankqalazo

Nawuphi umsebenzi nomqeshi unelungelo lokuququzelela abenengxoxo ukufezekisa injongo zakhe.

16. Ubume bendawo - Unelungelo lokuhlala kwimeko ezisempilweni

Unelungelo lokuhlala kwindawo ekhuselekileyo ngokwemeko zempilo

17. Impahla - Imahla zakho zingaxuthwa kuphela xa kulandela isigwebo somthetho.

Akukho bani makaxuthwe impahla zakhe ngaphandle xa ingumyalelo wenkundla.

18. Ezezindlu - URhulumente kufuneka eqinisekise ukuba abantu bayafikelela ekwakhelweni izindlu.

Unelungelo lokuba ubenokwakhelwa indlu.

19. Ezempilo, Ukutya, Amanzi nezibonelelo zeNtlalontle - URhulumente kufuneka aqinisekise ukuba uyazuza ukutya namanzi. Uyafikelela kumaziko empilo nakwizibonelelo zentlalontle.

Unelungelo lokuba sempilweni, ukutya okwaneleyo namanzi nezibonelelo zokuphila.

20. Abantwana - Abantwana abangaphantsi kwe 18 banamalungelo awodwa, njenge-lungelo lokuba bangaphathwa gadalala

Umntwana ngamnye unelungelo lokuba negama, ubuzwe nokhuselo ekuphathweni gadalala nasekwenziweni isisulu.

21. Ezemfundo - Unelungelo lemfundo, ingakumbi imfundo yabadala, ufunda ngolwimi lwenkobe (ukuba oko kunokwenzeka)

Unelungelo lokufunda ngolwimi olukhethwe nguwe.

22. Ulwimi neNkcubeko - Ungasbenzisa ulwimi oluthandayo ulandele inkcubeko nezithethe ozithandayo.

Unelungelo lokusebenzisa ulwimi oluthandayo ulandele nenkcubeko yakho yemveli

23. Ezencubeko, Ezenkolo noLuntu ngokoLwimi - Abemi bangazikhohisa ngokulandela inkcubeko yabo, badumise ngokwenkolo yabo, bathethe ulwimi lwabo.

Unelungelo lokubumba, ukungenela ugcine iqela lakho olithandayo ngokwenkcubeko, ulwimi nangokwenkolo.

24. Ukufikelela kulwazi - Unelungelo lokuzuzana naluphi na ulwazi urhulumente analo.

Ligunya lakho ukunikwa naluphi ulwazi lukarhulumenteukukhusela amalungelo akho

25. JUKuthatha Isigqibo Esingenamkhethe - Izigqibo ezithathwa nguRhulumente mazinganzeleleli


Unelungelo lokuba uthathe amanyathelo asemthethweni, abhadlileyo engenamkhethe.

26. Ukufikelela Ezinkundleni - Xa unengxaki yezomthetho mayilanyulwe yinkundla yamatyala okanye efana nayo.

Unelungelo lokulanyulelwa ingxaki zomthetho enkundleni kungenjalo ngumgwebi ongenamkhethe.

27. Abantu ababanjiweyo, abavalelweyo nabangabatyholwa - Eli lungelo likhusela abantu ababanjiweyo, abavalelweyo oknye abangabatyholwa

Xa ubanjiweyo, unelungelo lokungathethi, lokuvela phambi kwenkundla kwisithuba sezure ezingama 48 nelungelo lokumelwa ligqwetha.



YONKE LE MITHETHO YINXALENYE YEMITHETHO YELI LIZWE KODWA UCHAPHAZELA BONKE ABAHLALA KWIRIPHABLIKI YOMZANTSI AFRIKA.

Qaphela: Onke la malungelo angaphungulwa ukuba oko akwenzeleleli Xa ufuna ulwazi olulolunye, jonga iSahluko 2 kuMgaqosiseko omtsha.



the doj & cd

Department:
Justice and Constitutional Development
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA